
ULwandle yinkwenkwe ekrelekrele efuna ukwazi yonke into. Yena nosapho lwakhe babehlala kufuphi nomlambo iDihlabeng eFreystatha. Lo mlambo wawudume ngokuba neenyoka ezihlala kuwo. Nangona kunjalo ngoyena uthandwa kakhulu ngabalobi.






Inkoliso yabemi bale ndawo yayixhomekeke ekulobeni. Abanye babeloba ukuze kubekho into etyiwayo kumakhaya abo. Abanye babeloba baze bayokuthengisa iintlanzi emarikeni.

ULwandle wayenqwenela ukuba ngumlobi. Wayedla ngokucela uyise amthengele iintonga zokuloba. Nangona babengamahlwempu uyise wayesoloko emthembisa ngokwenza njalo. Kwakuye kuthi xa kufika usuku lokuloba engekazithengi abeke olunye usuku aza kuzithenga ngalo.





Ekuhambeni kwexesha uyise ude wamthengela iintonga zokuloba. Kwasuka kwavela enye ingxaki. ULwandle wayesoyika ukuya kuloba yedwa. Wacela abahlobo bakhe uMahlatsi noNgqiqo ukuba bamkhaphe. Bobabini abazange bavume basuka bamisa ngokoyika iinyoka ezinobungozi ekwakubaliswa ngazo kulo mlambo.

Uza kuthini ngoku uLwandle?

Wayefuna ngamandla ukuloba ukuze akwazi ukuncedisa utata athengise iintlanzi emarikeni naye. Wazicenga wahamba yedwa ukuya kuloba. Wathi esahleli esafake intonga yokuloba emanzini wathi ntla ngenyoka idada isiza nganeno. Wacinga amazwi kaMahlatsi noNgqiqo.





Wagxabhagxabhisa waqokelela konke okwakhe wathi ngqe ukugoduka engekabambisele ntlanzi. “Hayi bo Lwandle, awubambisanga nokuba inye intlanzi ngosuku lwakho lokuqala?” wabuza uyise emangalisiwe. ULwandle waba neentloni ukuchazela uyise isizathu sokuba ubesoyika ukulunywa yinyoka. Waphendula ngelithi, “Hayi tata akukho nokuba inye intlanzi ethe yasondela kwigwegwe lakhe.

Ngemini elandelayo uLwandle wavuka ngonyezi waya kucenga uMahlatsi noNgqiqo ukuba baye kuloba naye.  Bala kwaphela besithi abanakuzisa kwityhefu yeenyoka zomlambo bezazi.  Babeneedyudyu beziqonda nje ukuba abanakuze balunge naphantsi kwayiphi na imeko.





Yamenza waba nesigqukru uLwandle le nto ejika jikana nayo. Wayengenabunganga bokuzihambela yedwa noxa intliziyo yakhe yayinegugu. Wayezimisele ukuloba ezibona engumlobi ophumelelayo kule lali yakhe.

Wagqiba ukuba makaye kucela uMnumzana Ngweya owayengomnye wabalobi kule lali. UMnumzana Ngwenya wayithakazelela le nto baze bahamba kunye. ULwandle waziva onwabile wazimisela ukuba akayi kuhamba engababambisanga nokuba yintlanzi enye.

UMnumzana uNgwenya wayengumlobi onamava elazi eli dama njengomva wesandla sakhe. Wabonisa uLwandle icala elalingenazo iinyoka baze balungiselela ukuloba khona. Yamenza wachulumanca ngakumbi uLwandle lento. Wayesazi ukuba ngoku akazukuba naxhala lokunqolwa yinyoka esaloba.

Bobabini baphosa iintonga zokuloba bafaka amagwegwe kwiziphelo zemitya yokuloba.



Bahlala umzuzwana belindile. ULwandle wabona umtya wentonga ushukuma.

"Jonga Lwandle, ndicinga ikhona into oyimbababisileyo, ngoku kufuneka utsale, ubophe, utsale ubophe, uzame ukuba ingaphuncuki." Watsho uMnumzana Ngwenya.

"Ndenze ngolu hlobo Mnumzana Ngwenya?" wabuza uLwandle emaxhaphetshu.



Eneneni uLwandle watsala, wabopha kanti ubambisele intlanzi enkulu.



UMnumzana Ngwenya wakhupha iselufowni yakhe wathatha umfanekiso wentlanzi. Wathatha neminye imifanekiso kaLwandle ephethe intlanzi enkulu.  Wathatha nento yokulinganisela efuna isisindo sentlanzi leyo. Wakhuza akayeka akubona ubungakanani bayo.

Kuthe kusenjalo babona intonga kaMnumzana Ngwenya ishukuma. Wabaleka naye wayibamba, watsala wabopha kwaphuma enye intlanzi ekwankulu. Wavuya kuba kuzo zonke iintlobo zeentlanzi, le uyithanda kakhulu.





Wayevuya kakhulu kuba kulo lonke uhlobo lwentlazi, le wayeyibambisile yeyona yayithandwa kakhulu kule ngingqi.  Yaba lithuba likaLwandle lokuba athathe umfanekiso kaMnumzana Ngwenya nentlanzi yakhe.  Bagoduka bephethe ezo ntlanzi.

Endleleni egodukayo uLwandle wayehambela phezulu ubuso bakhe bukhazimla enolona ncumo luqala esidleleni luye kwesinye.  Wayecinga ngebhongo likayise lale ntlanzi.  Wayenomfanekiso ngqondweni wakhe xa emana esiya kuloba yedwa.





ULwandle ngoku wayengumbambisi weentlanzi owaziwayo ethengisa nasemarikeni.  Wayesithi xa uMahlatsi noNgqiqo becela iintlanzi abakhumbuze ukuba bala ukuhamba naye esithi nabo ngebengabalobi abanamava ngoku.




ULwandle wayeyintshatsheli yokuloba kumakhwenkwe alingana naye. UMahlatsi noNgqiqo baba nomdla wokuzimanya naye. Bafuna abafundise ukuloba. ULwandle waqala ngokuthi eyonanto iphumelelisa ukuloba sisimilo esihle, umondle, imbeko nothando. Waqokelela namanye amakhwenkwe engingqi wawafundisa ukuba abe ngabalobi.



Wacela uMnumzana Ngwenya kuba naye abe ngumluleki weli qela ukuze lazi iimfihlelo zeendawo zokuloba nokuba ezona ntlanzi zinkulu zibanjiselwa njani.

ULwandle wafumana ithamsanqa lokuwongwa njengoyena mlobi usakhulayo nonendumasi kukhuphiswano lonyaka. Olu khuphiswano lubandakanya abalobi abasuka kwiingingqi ezimelene nabo nakwezinye iziphaluka zeFreystatha.






Kwakukho inginginya yabantu waze uLwandle wafumana indebe nemali engangama-R5000.  UMnumzana uNgwenya nosapho lukaLwandle bavuyisana naye kumnyhadala wokubhiyoza owabanjelwa ekhaya.

Ulwazi Lwethu

Readers

## Inqanaba 1

1. Izandi ezizizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

## Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNtombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

## Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguqulweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisayo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. Utata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi

Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvelisa uluhlu lweencwadi zokufunda nezinye izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijolise ekufundiseni nasekuxhaseni ukuphuhla kwesakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliweyo zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo ziveliswe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi:: ***ulwazilwethu.org.za***

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

Ulwazi Lwethu

ISBN: 978-1-77981-669-6

9 781779 816696